**IsiXhosa Research Term List**

**Lukhanyo E Makhenyane**

| English term | Chapter/section | IsiXhosa term(s) | Isahluko/icandelo | Explanation - Inkcazelo |
|---|---|---|---|---|
| Abstract | Preliminaries | Isishwankathelo Intyilaphando | Izanduleli | Isishwankathelo esisityhilela ngophandolwazi olwenziweyo. |
| Acknowledgements | Preliminaries | Imibulelo | Izanduleli | Amazwi ombulelo kwabo bathe bakuxhasa kuhambo lwakho lophandolwazi, ngokungakumbi abo bakuxhase ngemali yokwenza uphandolwazi. |
| Assent form | Appendices | Ifomu yokunika igunya kumntwana oselula | Izihlomelo | Ifomu etyikitywa ngumzali ukunika igunya lokuba umntwana wakhe (ongeminyaka engaphantsi kwe18) angathabatha inxaxheba kuphandolwazi. |
| Background to the study | Introduction | Intsusamabandla | Intshayelelo | Imiba ethe yasisizekabani sokwenza uphandolwazi nengcaciso ngentsusa yengxaki noko uphandolwazi eliza kugxila kuko. |
| Case study | Research methodology<br>Research design | Uphandomba | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uyilo lophandolwazi | Luphando olunzulu lwemiba, ukuziphatha namava anamhlanje |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | nezolo omntu, usapho, iqela okanye umbutho. |
| Comparative analysis | Research methodology Research design | Uhlalutyo ngokuthelekisa | Ulwazinkqubo lokuphanda Uyilo lophandolwazi | Umphandilwazi uthelekisa imiba emibini nangaphezulu ngeenjongo zokuhlalutya imihlaba ezalana neyahluka kuyo. |
| Conceptual framework | Literature review and Theoretical framework | Ingxelozimvo ezingumchankcatho wophandolwazi | Uphononongo loncwadi nezithakohlalutyo ezingumchankcatho wophandolwazi | Iingcingane ezixhasa ingxoxo ngolwaziphando oluqokelelweyo. |
| Conclusion | Conclusion and recommendations | Isishwankathelo | Isishwankathelo nezindululo | Isahluko sokugqibela esishwankathela uphandolwazi size senze izindululo. |
| Conclusion | All chapters | Isishokobezo | Zonke izahluko | Icandelo elishwankathela isahluko ngasinye ngokugxininisa iingongoma eziphambili ezivezwe kwisahluko. |
| Consent form | Appendices | Ifomu yokunika igunya | Izihlomelo | Ifomu etyikitywa ngumthathinxaxheba ukuqinisekisa ukuba uyavuma ukuba yinxlenye yophando. |
| Content analysis | Research methodology Research design | Uhlalutyo ngokomxholo | Ulwazinkqubo lokuphanda Uyilo lophandolwazi | Uhlalutyo olucwangcisiweyo lokuye kwaqatshelwa kwiingxelo, kumaxwebhu, namanqaku athathwe ngaphandle. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Convenience sampling | Research methodology Sampling | Ukusampulihsa ngokobulula | Ulwazinkqubo lokuphanda Ukusampulisha | Indlela yokukhetha abathathinxaxheba kuba befumaneka lula kumphandilwazi. |
| Clinical research | Research methodology Research design | Uphandolwazi lwezonyango | Ulwazinkqubo lokuphanda Uyilo lophandolwazi | Uphandolwazi ngokufumanisa unobangela ngezigulo zabantu nokokuba zinganyangwa njani kwaye zithintelwe njani. |
| Data | Research methodology | Ulwaziphando | Ulwazinkqubo lokuphanda | Ulwazi oluyinene oluthe lwaqokelelwa ngumphandilwazi. |
| Data analysis | Research methodology | Uhlalutyo lolwaziphando | Ulwazinkqubo lokuphanda | Inkqubo yokuhlengahlengisa nokucakaca ulwaziphando ukuze lube nokuqondwa. |
| Data collection | Research methodology | Uqokelelo lolwaziphando | Ulwazinkqubo lokuphanda | Icandelo elichaza indlela eza kulandelwa ukuqokelela ulwaziphando. |
| Data collection methods | Research methodology | Iindlela zokuqokelela ulwaziphando | Ulwazinkqubo lokuphanda | Iindlela ezisetyenziswa ngumphandilwazi ukuqokelela ulwaziphando kubathathinxaxheba. |
| Dedication | Preliminaries | Isinikezelo | Izanduleli | Amazwi atyhila ukuba uphandolwazi ulunikezela kubani okanye oobani. |
| Delineations | Introduction | Imida yophandolwazi | Intshayelelo | Okuza kuqukwa kolu phandolwazi. |
| Discussion | Findings and Discussion | Ingxoxo | Iziphumo neNgxoxo | Umphandilwazi uxoxa ngeziphumo zophandolwazi, ebonisa |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | ukuba zithetha ukuthini (tolika) |
| Doctoral degree | - | Isidanga sobuGqirhalwazi | - | - |
| Ethical considerations | Research methodology | Ukulandela imigaqo yokuziphatha | Ulwazinkqubo lokuphanda | Ukuthathela ingqalelo imigaqo ekhokela umphandilwazi kwindlela yokuziphatha ekuqhubeni uphando lwakhe, efana nokufumana imvume ebantwini, ukuqinisekisa ukukhuseleka kwabaphandwa, njalonjalo. |
| Ethnography | Research methodology<br>Research design | Uphandolwazi ngezenkcubeko<br>Iethnografi | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uyilo lophandolwazi | Luyilo lophandolwazi olunenjongo yokuqonda iimbono zabantu bomthonyama ngehlabathi labo. |
| Experiment | Research methodology<br>Research design | Uphandolwazi ngokufunisela | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uyilo lophandolwazi | Uphandolwazi apho abaphandilwazi bangenelelayo ukuvavanya ingcamango engekaqinisekiswa nokuphicotha unobangela nesiphumo |
| Findings | Findings and Discussion | Iziphumo | Iziphumo neNgxoxo | Oko kutyhilwa luhlalutyo lolwaziphando. |
| Historical studies | Research methodology<br>Research design | Uphandolwazi lwezembali | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uyilo lophandolwazi | Ukuqokolela okucwangcisiweyo nokuhlolwa kolwaziphando oluphathelele kwizehlo zembali ukumisela |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | unobangela, iziphumo okanye iintsingiselo zezo ziganeko ezingasinceda ukucacisa iziganeko zangoku nokuthelekelela ezangomso |
| Hypothesis | Introduction | Uthelekelelo | Intshayelelo | Ingcinga ethathwa njengenyaniso engekaqinisekiswa ngovavanyo olungqingwqa. |
| Interpretivism | Research methodology<br>Research paradigm | Intandabulumko yokutolika | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Ipharadayimu yophandolwazi | Imbono yentandabulumko egxininisa ekutolikeni iintsingiselo. |
| Interview | Research methodology<br>Data collection | Udliwanondlebe | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uqokelelo lolwaziphando | Indlela yokuqokelela ulwaziphando apho abantu okanye iqela labantu libuzwa imibuzo yomlomo ngumphandilwazi, bejongene, ngemfonomfono okanye ngobuxhakaxhaka bale mihla. |
| Introduction | Introduction<br>All chapters | Intshayelelo | Intshayelelo<br>Zonke izahluko | Isahluko okanye icandelo elicakaca oko kuza kwenziwa kuphandolwazi okanye kwisahluko. |
| Limitations | Conclusion | Izithintelo | Isishwankathelo | Izithintelo zophandolwazi ezinganefuthe kwiziphumo umphandilwazi angenakuzinqanda. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Limitations of the methodology | Research methodology | Ukulabalaba kolwazinkqubo | Ulwazinkqubo lokuphanda | Umba wolwazinkqubo umphandilwazi alwaziyo onganefuthe kwiziphumo, kodwa angenamandla yakuwutshintsha. |
| Literature review | Literature review and Theoretical framework | Uphononongo loncwadi | Uphononongo loncwadi neZithakohlalutyo ezingumchankcatho wophandolwazi | Ingxoxo ngoncwadi olungqamene nophandolwazi ekhokelela ekuphawuleni isikroba esifuna ukuvingcwa. |
| Master's degree | - | Isidanga sobuNgqawalwazi Isidanga seeMastazi | - | - |
| Mixed-method research | Research methodology | Indibanisela yeendlela zokuphanda | Ulwazinkqubo lokuphanda | Uphandolwazi oludibanisa uphandolwazi lohlahlelohlobo nophandolwazi lobungakanani |
| Mixed-method design | Research methodology | Uyilo oludibanisayo | Ulwazinkqubo lokuphanda | Uyilo lophando oludibanisa iindlela zokuphanda ezimbini nangaphezulu nezisuka kwindlela yokuphanda yohlahlelohlobo neyohlahlelobungakanani. |
| Observation | Research methodology Data collection | Ukuqaphela | Ulwazinkqubo lokuphanda Uqokelelo lolwaziphando | Indlela yokuqokelela ulwaziphando apho ulwaziphando luqokelelwa ngokuqaphela ngeliso. |
| Participants | Research methodology | Abathathinxaxheba | Ulwazinkqubo lokuphanda | Iqela labantu abaneempawu zomzimba nesimilo ndawonye |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | neempendulo ezidingekayo kuphandolwazi. |
| Participant observation | Research methodology | Ukuqaphela ngokuthatha inxaxheba | Ulwazinkqubo lokuphanda | Indlela yokuqokelela ulwaziphando ngokuthi umphandilwazi abe yinxalenye yendawo nabantu abaphandayo. |
| Probability sampling | Research methodology Sampling | Ukusampulisha okungenamkhethe | Ulwazinkqubo lokuphanda Ukusampulisha | Indlela yokukhetha abemi nakanjanina, eqinisekisa ukuba wonke ubani unethuba elilinganayo lokukhethwa. |
| Problem statement | Introduction | Ukudakancwa kwengxaki Ukondlalwa kwengxaki | Intshayelelo | Ukondlalwa kwengxaki eza kusonjululwa ngokubonisa imeko egqibeleleyo ebekumele kuyiyo, imeko ekuyiyo xa kuthelekiswa negqibeleleyo (ingxaki) nokuza kwenziwa lolu phandolwazi ukubuyisela kwimeko yengqibelelo. |
| Positivism | Research methodology Research paradigm | Iphozithivizimu | Ulwazinkqubo lokuphanda Ipharadayimu yophandolwazi | Imbono yentandabulumko egxininisa kubukho obungaqhutywa luluvo nobuquka imimiselo yehlabathi elawula zonke izinto nesimilo somntu. Ikwagxininisa ukuba inyaniso ayitshintshi, izinzile kwaye ingalinganiswa. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Pragmatism | Research methodology<br>Research paradigm | Ipragmathizimu | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Ipharadayimu yophandolwazi | Imbono yentandabulumko egxininisa ukuba inyaniso iyatshintshatshintsha, ulwazi luluncedo kwaye luxhomekeke kwimeko |
| Purposive sampling | Research methodology<br>Sampling | Ukusampulisha okuneenjongo | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Ukusampulisha | Indlela apho umphandilwazi akhetha abathathinxaxheba kuba beneempawu ezithile. |
| Qualitative research | Research methodology<br>Research approach | Uphandolwazi lohlahlelohlobo<br>Uphandolwazi lwekhwalithethivu | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Indlela yokuphanda | Uphandolwazi olwenziwa kwindawo yemvelo nolusetyenziselwa ukuphicotha nokuqonda iinkolelo, amava, izimvo nokuziphatha. |
| Quantitative research | Research methodology<br>Research approach | Uphandolwazi lohlahlelobungakanani<br>Uphandolwazi lohlahlelobungakanani<br>Uphandolwazi lwekhwantithethivu | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Indlela yokuphanda | Uphandolwazi oluqokelela ulwaziphando ngokwamanani |
| Questionnaires | Research methodology<br>Data collection | Iphephamibuzo | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uqokelelo lolwaziphando | Isixhobo sokuqokelela ulwaziphando elinemibuzo esetyenziselwa ukuqokelela ulwazi ebantwini oluza kusetyenziswa kuphando. |
| Random sampling | Research methodology<br>Sampling | Ukusampulisha okuzenzekelayo | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Ukusampulisha | Indlela yokukhetha nakanjanina abathathinxaxheba abamele uluntu oluthile. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Recommendations | Conclusion and Recommendations | Izindululo | Isishwankathelo neZindululo | Zingcebiso ezigxile kwiziphumo zophandolwazi, ezifana nokuziphucula, ukutshintsha, ukulungisa imiba ethile, nophandolwazi olungenziwa. |
| References | Reference list | Imithombo yolwazi esetyenzisiweyo | Uludwe lwemithombo | Uludwe lwemithombo umphandilwazi athe wayisebenzisa nethi idweliswe ngokwe-alfabhethi. |
| Research | - | Uphandolwazi<br>Uphando | - | Inkqubo yokuzingela okuyinene ngomba othile. |
| Researcher | - | Umphandilwazi<br>Umphandi | - | Umntu owenza uphandolwazi |
| Research aim(s) | Introduction | Injongo yophandolwazi<br>Iinjongo zophandolwazi | Intshayelelo | Isizathu sokwenza olu phandolwazi; oko uphandolwazi olungako. |
| Research approach | Research methodology | Indlela yokuphanda | Ulwazinkqubo lokuphanda | Uhlobo lophandolwazi oluza kulandelwa ukuphendula umbuzo/imibuzo yophandolwazi |
| Research design | Research methodology | Uyilo lophandolwazi | Ulwazinkqubo lokuphanda | Yinkqubo eza kusetyenziswa ukuqokelela, nokuhlalutya ulwaziphando |
| Research instruments | Research methodology | Izixhobo zokuphanda | Ulwazinkqubo lokuphanda | izixhobo ezisetyenziselwa ukuqokelela ulwaziphando kubathathinxaxheba. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Research methodology | Research methodology | Ulwazinkqubo lokuphanda Imethodoloji yophandolwazi | Ulwazinkqubo lokuphanda | Inkqubo okanye ingqokelela yeenkqubo zokwenza uphandolwazi. |
| Research objectives | Introduction | Iziphumonjongo zophandolwazi | Intshayelelo | Oko umphandilwazi ajonge ukukuphumeza ngophandolwazi. |
| Research paradigm | Research methodology | Ipharadayimu yophandolwazi | Ulwazinkqubo lokuphanda | Ingqokelela yeenkolelo nezivumelwano zoososayensi ngeendlela emaziqondwe kwaye zisonjululwe ngayo iingxaki |
| Research questions | Introduction | Imibuzo yophandolwazi | Intshayelelo | Umbuzo okanye imibuzo eza kuphendulwa lolu phandolwazi ukuphumeza iinjongo neziphumonjongo |
| Results | Findings and Discussion | Iziphumo | Iziphumo neNgxoxo | Oko kutyhilwa luhlalutyo lolwaziphando. |
| Reliability | Research methodology | Ukuthembeka | Ulwazinkqubo lokuphanda | Ukuthembeka kwezixhobo zophandolwazi neenkqubo ekuveliseni iziphumo ezifanayo. |
| Sample | Research methodology | Isampuli | Ulwazinkqubo lokuphanda Ukusampulisha | Abemi abaphandwayo kuphandolwazi oluthile |
| Sampling | Research methodology | Ukusampulisha | Ulwazinkqubo lokuphanda Ukusampulisha | Inkqubo yokukhetha abemi abaza kuthatha inxaxheba kuphandolwazi |
| Sampling design | Research methodology | Uyilo lokusampulisha | Ulwazinkqubo lokuphanda Ukusampulisha | Isicwangciso esicacisa indlela yokukhetha abaphandwa nokuba baza kuba bangaphi. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Significance of the study | Introduction | Ukubaluleka kophandolwazi | Intshayelelo | Iziphumo zophandolwazi ziza kuba lulutho njani esizweni nasehlabathini. |
| Systematic literature review | Research methodology<br>Research design | Uphengululo olucwangcisiweyo loncwadi | Ulwazinkqubo lokuphanda<br>Uyilo lophandolwazi | Uphengululo lombuzo oqulunqwe ngokucacileyo nolusebenzisa iindlela ezicwangcisiweyo nezicacileyo ukuqokelela, ukuchonga, ukukhetha ukuphengulula nokuhlalutya uncwadi olufanelekileyo. |
| Title | Title | Isihloko | Isihloko | Igama, ibinzana okanye isivakalisi esibonisa ukuba uphandolwazi lungantoni. Igama, ibinzana okanye isivakalisi esishwankathela ingcamango epho.keleyo yophandolwazi |
| Theory | Literature review and Theoretical framework | Isithakohlalutyo<br>Isithako sokuhlalutya<br>Ithiyori | Uphononongo loncwadi neZithakohlalutyo ezingumchankcatho wophandolwazi | Isithakohlalutyo osikhethileyo njengesikhokelo ekulandeleni inkqubo yophandolwazi. |
| Theoretical framework | Literature review and Theoretical framework | Isithakohlalutyo esingumchankcatho wophandolwazi | Uphononongo loncwadi neZithakohlalutyo ezingumchankcatho wophandolwazi | Isithakohlalutyo okanye izithakohlalutyo ezixhasa ingxoxo ngolwaziphando oluqokelelweyo. |
| Topic | - | Umcimbi<br>Umba | - | Umba ekuphandwa ngawo, nesithi isihloko siphume kuwo. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Trustworthiness | Research methodology | Ukunyaniseka | Ulwazinkqubo lokuphanda | Iqondo lokunyaniseka kolwaziphando, kokutolikwa kolwaziphando, nokweendlela zokuphanda ezisetyenzisiweyo. |
| Triangulation | Research methodology | | Ulwazinkqubo lokuphanda | Ukusebenzisa uthotho lwemithombo yolwaziphando, lweendlela zokuphanda okanye lwezithakohlalutyo ukuphanda ngomba omnye. |
| Validity | Research methodology | Ukuchaneka | | Ukuchaneka kwendlela okanye isixhobo sophandolwazi ekuveliseni oko sithembise ukukuvelisa. |